



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IKHWELO LOTYUMBO UKUZALISA IZIKHEWU KWIKOMITI YEELWIMI YASENTSHONA KOLONI

IKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni, ngokuthobela icandelo 7 loMthetho weelwimi wePhondo weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 13 ka-1998), imema uluntu ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo njengamalungu eKomiti yeelwimi yaseNtshona Koloni (WCLC). Abatyunjwa abonyuliweyo baza kukhonza ixesha leminyaka emithathu le-ofisi.

Isigunyaziso seKomiti yeelwimi yaseNtshona Koloni sixeliwe kwizibonelelo kuMthetho weBhodi yeelwimi yoMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho 59 ka-1995), uMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka-1998), kunye noMthetho weelwimi wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 13 ka-1998). Injongo ye-WCLC kukuphonononga usetyenziso lweelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni; kwakunye nokucebisa uMphathiswa othwaliswe uxanduva lwemiba yeelwimi kunye neBhodi yeelwimi yoMzantsi Afrika kwimiba yeelwimi okanye echaphazela eli phondo.

Amalungu eKomiti yeelwimi yaseNtshona Koloni amele abasebenzisi beelwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni, ezi zezi: isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa, kananjalo nolwimi lwezandla lwaseNtshona Koloni kunye neelwimi zemveli ezazisakubukulwa ngaphambili zaseNtshona Koloni. AMalungu eKomiti aza kuba liGunyabantu eliNika iNkcaza leli qumrhu kwaye aza kuba noxanduva lwayo yonke imiba enxulumene norhulumento ngokwemigaqo yamacandelo 49 ukuya kwelama 57 oMthetho woLawulo lweziMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (PFMA).

Iimfuno:

Abatyunjwa mababe noku kulandelayo:

- isiqinisekiso sezifundo esinxulumene neelwimi;
- babe ngabemi baseMzantsi Afrika ubuncinane iminyaka engama-21 ubudala kwaye babe ngabahlali abasisigxina baseNtshona Koloni;
- bazi ngokupheleleyo ubuncinane ezimbini zeelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni;
- babe nolwazi namava emiba yeelwimi kwaye babe negalelo elisebenzayo nelibonakalayo kukhuthazo losetyenziso lweelwimi ezintathu ezisemthethweni ezithethwayo ephondweni, kananjalo neelwimi zemveli ezazisakubukulwa ngaphambili kwakunye nolwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika; kwaye
- babe namava olawulo oluqiqileyo lwezimali nothotyelo ngokwemigaqo ye-PFMA.

Utyumbo malwenziwe kwifomu yotyumbo oluxeliweyo kwaye malungeniswe ingabethanga eye-12:00 ngowama-28 Novemba 2024.

Ifomu yotyumbo ingothulwa kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za. Le fomu ingaphinda icelwe kuMnu Waseem Matthews, iGosa leMigaqo yeeNkqubo leKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo. Idilesi ye-imeyile yakhe ithi: wmatthews@wcpp.gov.za.

Nceda uqaphele ukuba ubulungu bekhomishoni ayisiso isikhundla esisigxina sengqesho.

Sikhutshwe nguMnu T Walters (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.

